# Hosanna !! Melkizedek !!!
## (Xmas).

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Utinina namhla Kufa nambankulu
Namhla woyisiwe nguye Opezulu
Ngaye u Adamu sibe silahliwe
Kodwa ke ngo Yesu namhla sincediwe
Camagu !!

Yizani ke namhla yizani kwa nonke
Musani kundweba simenywa kwa sonke
Isidlo Sofefe sise silungile
Yizani kaloku sisidle sipile.

Kumenywa Izizwe akuko walelwe
Uti u Hosanna ningeza namkelwe
Madoda, bafazi, bantwana kwa nonke
Simenywa yi Nkosi kwase Zweni lonke

Yizani bapulwa bunzima betyala
Mahlwempu, milwelwe zimfama ziqwala
Yizani nipumle badungudeleyo
Yizani nibukwe ngu Yesu okoyo.

Namhlanje namhlanje angabi sanqena
Nokade "Umemo" lwe Nkosi elona
"Hosanna" Kuye Owatshazwa li Zulu
Gqumani Ngelose Ntsiba Zilubhelu.

Isihogo masidane sipelele
Inkwenkwezi Ipumile Ix'obile
Engu Yesu mnoneleni mzukiseni
Ngentliziyo namaculo Mdumiseni
"Hosanna !" Bo !

Nike nicule nengoma yokuncoma
Zihlokome nentamb'ula zidduma
Nize nimbone ngamehlo nange Nkolo
Nimangaliswe oiguqe nangedolo
"Hosanna !"

Vuyani ke namhla nicule ngoyolo
Zivum' Izitunywa ze Zulu ngentsholo
Vuyani uzelwe u Krestu Inkosi
Ze ngaye sikutshwe kumtwalo we Pasi.

Ngu Melkizedek Ongaqalelangapi
Ngu Melkizedek Ongapelelangapi
Amacala Amazwe Wowavelela
Namakomkulu uzokuwangamela.

Iramncwa Elinxakame ngo Septemba
Lisandlalela ngezidumbu zabantu
Bemke kwapela baya kwe Yake Indlu
Namhla zinyembezi kwezetu izindlu
Camaguni !!

Intando ke mayicande Amazulu
Iye Kuwe Ndlovu Edla Pezulu
Ukufa kwabo kungahluti Itemba
Sitsalele—kubo Ngawe sinetemba
Camagu !!

Ngubani ofuna ukwaz' ubukulu
Bunawe nje Menzi wo Mhlaba ne Zulu
Bunawe owenz' Inkwenkwezi ne Nyanga

Bunawe owenza Imini ne Langa.

Kukade kakulu umhlab' udaliwe
Kukade kakulu nabantu benziwe
Inene kukade ngakumbi kakulu
Ehleli no Menzi womhlaba ne Zulu.

Ngesiba namahlanje singaboyikayo
Nazezizimanga esizibonayo
Zibika ku bantu Udumo lo Mdali
Zisiti u Tixo masingamlibali
Hosanna !!!